1 SIFUNA IINKUNDLA ZAMATYALA ESONDO

Juni 2018 – IsiXhosa

KUTHENI SIFUNA IINKUNDLA ZAMATYALA ESONDO?

Udlwengulo nokuxhatshazwa ngokwesondo yintlekele eqhubayo kwiindawo zethu. UMzantsi Afrika unamanye amazinga aphezulu axeliweyo odlwengulo ehlabathini. Amanqanaba aphezulu obuhlwempu kunye nesithuba esikhulu phakathi kwabazizityebi kunye nabahluphekayo elizweni lethu athetha ukuba amaxhoba odlwengulo afumana iintlobo ezahlukeneyo zenkxaso, ngokuxhomekeke ekubeni yeyiphi indawo ahlala kuyo kunye nokuba sesiphi na isikhululo samapolisa aluxele kuso udlwengulo.

Ngeenkundla zamatyala esondo*, inkqubo yeenkundla kufuneka ixhase amaxhoba olwaphulo-mthetho, ngexa ziqinisekisa ukuba izaphuli-mthetho ziyawohlwayelwa amatyala azo. Amaxhoba odlwengulo anika ubungqina** kumatyala ezesondo kufuneka afumane inkxaso xa enika ubungqina ukuze kwehliswe uxinzelelo olubangwe sisehlo esiwehleleyo***.

***Ityala lezesondo** – isenzo solwaphulo-mthetho lwezesondo (udlwengulo, ukuphatha gadalala ngokwesondo, ukuxhatshazwa ngokwesondo)

****Ukunika ubungqina** – ukunika ubungqina njengengqina enkundleni

*****Uxinzelelo olubangwe sisehlo esehlileyo** – ukuba phantsi koxinzelelo lokuphila nesihlo esikufaka uxinzelelo

YINTONI INKUNDLA YAMATYALA ESONDO?

Inkundla yamatyala esondo ligumbi elikhethekileyo lenkundla elijongana kuphela namatyala ezesondo, afana nodlwengulo. Inika iinkonzo ezikhethekileyo kumaxhoba odlwengulo kunye namanye amangqina. Injongo yale nkundla ku:

- kwehlisa uxinzelelo oluba khona emva kwesihlo kwixhoba;
- kukhawulezisa amatyala, ukuze agqitywe ngokukhawuleza;
- kwenza izigqibo okanye izigwebo ezingcono zenkundla, kuba abantu abasebenza kwezi nkundla banezakhono kunye namava amaninzi;
- ukubamba* ngokungaphaya kunye nokusa izaphuli mthetho** ezingaphaya ejele; kunye
- nokunika abantu ithemba lokuba ukuxela udlwengulo kuza kuba nesisombululo, oko okuya kukhuthaza amaxhoba odlwengulo angaphaya ukuba axele amatyala awo emapoliseni.

***Ukubamba** – isigwebo okanye ukugweba

****Isaphuli-mthetho** – umntu owenza isenzo esiyingozi, esingekho mthethweni, okanye okungendawo

YINTONI EKHETHEKILEYO MALUNGA NENKUNDLA YAMATYALA EZESONDO?

Uluvo lweenkundla zamatyala ezesondo lwaphuhliswa eMzantsi Afrika. Ngo-2013, imodeli yenkundla yamatyala ezesondo entsha yaye yaphuhliswa, emisela yonke into efunekayo ukuba inkundla ibe yinkundla yamatyala ezesondo. Le modeli ifuna ukuba ezi nkundla zibe nabatshutshisi* abaqeqeshwe ngokukhethekileyo, abaxhasi benkundla kunye noomantyi**. Inkundla yamatyala ezesondo inegumbi lenkundla elahlukanisiweyo. Kananjalo inegumbi lokunika ubungqina elinezixhobo ze-CCTV, apho abantwana banokunika khona ubungqina ngaphandle kokuba bajongane nomdlwenguli okanye umoni buqu, ngexa bethetha ngento eyenzekileyo.

IINKUNDLA ZAMATYALA EZESONDO

***Umtshutshisi** – igqwetha elingqina enkundleni ukuba umntu osolwayo ulwenzile ulwaphulo-mthetho asolwa ngalo

****Umantyi** – igosa elisebenza njengejaji ezinkundleni



ZIINKUNDLA ZAMATYALA EZESONDO EZINGAPHI EZIKHOYO APHO?

ISebe lezobuLungisa lixele ePalamente ukuba bezingama-75 iinkundla zamatyala esondo ngoMeyi 2018, kodwa asicingi ukuba zonke zixhotyiswe ngokupheleleyo kwaye zisebenza ngokufanelekileyo. Ungafumana uluhlu lwamagumbi eenkundla zamatyala ezesondo kwiwebhusayithi yeSebe lezobuLungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko – https://bit.ly/2JXfAc0.

YINTONI ENDINOKUYENZA UKWENZA EZI NKUNDLA ZIBE YINTO EKHOYO?

Ngo-2013, iSebe lezobuLungisa (DOJ) lathembisa ukuseka iinkundla zamatyala ezesondo kwilizwe xa lilonke. Nangona ezinye iinkundla zamatyala ezesondo sele zisekiwe, umthetho owenza oku kwenzeke kufuneka ube nokusebenza. Lo mthetho* uza kuqinisekisa ukuba kukho izicwangciso kunye nohlahlo lwabiwo-mali olucacileyo lweenkundla. Uza kukuxelela kananjalo ukuba ziza kusekwa njani na iinkundla kwaye ziza kusebenza njani na. Ungenza okulandelayo ukukhangela nokuqalisa inkqubo:

- Cela abo bochola-cholo ndaba bengingqi yakho ukuba baxele isimo seenkundla zakho zengingqi
- Landela uSekela Mphathiswa we-DOJ ngokuthumela iinkxalabo zakho – https://bit.ly/2HMJ8IK
- Khangela iwebhusayithi yeShukumisa kunye nekhasi le-Facebook ngokuhlaziyiweyo
- Landela iinkqubo zasepalamente xa iinkundla zamatyala ezesondo zisisihloko ku-https://pmg.org.za

*ICandelo lama-55A lomThetho oTshintshiweyo (amaTyala ezeSondo kunye neMicimbi eNxulumeneyo) lomThetho wolwaPhulo-mThetho wama-32 ka-2007

IMBUMBA YESHUKUMISA

Siyimbumba yemibutho engama-75 kuMzantsi Afrika wonke esebenza ngokuchasene nobundlobongela bezesondo. Sixhasa umthetho kunye nemigaqo-nkqubo ebonisa okulungele amaxhoba obundlobongela bezesondo angabantu abadala kunye nabantwana. Sikwenze oku ukususela ngo-2008.

Ngayo nayiphi na imibuzo, nceda utyelele u-www.shukumisa.org.za okanye u-https://web.facebook.com/Shukumisa/ okanye qhagamshelana ne-Imeyile yoMlungelelanisi weShukumisa: coordinator@shukumisa.org.za